NAMKELEKILE KWAYE NISEBENZILE!

Samkela ngeentliziyo ezingenamikhinqi aba basebenzi abathe bayinxalenye yethu ukususela ngo-Okthobha ukuya ngoNovemba:

UNksz N Kedama	IGosa lezoThutho
UNksz H Potgieter	UMcebisi wezoMthetho
UMnu. CD Noble	UMcebisi wezoMthetho: INkundla eyoNgezelelweyo
UMnu. JW Martin	UMncedisi oyiNtloko kuCoco nemiBhobho yamanzi
UMnu. CR Johannes	UMncedisi oyiNtloko kuCoco nemiBhobho yamanzi
UMnu. G Gana	UMncedisi oyiNtloko kwiNkonzo yeePaki

Sithi halala kwaba banyuselweyo ngezikhundla!

UMnu. MD Mathikinca	Umsebenzisi wezixhobo ezincinci zokusebenza
UNksz SAC Heyns	UMlawuli weNkcitho neMpahla kaRhulumente

Ukongeza, uMnu SL Tshomane, onguMsebenzi wezixhobo ezincinci zokusebenza, osuswe kwakwesi sikhundla sinye wasiwa eHermanus esuka eGansbaai.

Egameni lePhambili, sithi namkelekile, sisithi kwabo babini banyuselweyo ngenxa yokusebenza ngokuzimisela sibanqwenelela okuhle kwimisebenzi yabo emitsha.

Ngubani othe ivili elililalela malizive lisisi"spare"?

Ngolu yilo lwesigqubuthelo sevili elililalela uHanlie van Tonder, uMlawuli weNkxaso yeBhunga uphumelele izinto ezintle ezininzi kukhuphiswano obeluyinxalenye yeVeki i-Western Cape's Agri Mega ebiseBredasdorp ngoSeptemba. Ngoku uHanlie kuyilo lwakhe angongeza ezinye izinto ezahlukileyo oku kusenzeka ngenxa yezinye izinto zendalo ekurhunywe ngazo ngu-SA Wool. *Ngxatsho ke Hanlie!*

UMASIPALA WASEOVERSTRAND UBONISA AMANDLA NONYAMEZELO KWIMIDLALO YEPHONDO

NgoLwesihlanu, umhla we-10 Oktobha 2014, imiDlalo yoBambiswano ngaMandla ibanjelwe eVostile noMasipala waseOverstrand wathabatha inxaxheba kwiindidi ezintlanu zemidlalo eyile: umbhoxo, ibhola ekhatywayo, igalufa neyeembaleki. Nangona nje lona iqela legalufa lingakhange lilenze ixesha, iqela lebhola ekhatywayo liphume isithathu, bafumana imbasa yebronzi. Nangona le nto ibiyohlukile ebaleni lombhoxo nakweleembaleki.

UMasipala waseDrakenstein wabethwa kumlenze wokugqibela womdlalo wombhoxo owawuphakame kakhulu, umqeqeshi uDawie Essau neqela lakhe balibonisile elo bebedlala nalo ubuntshinga babo ngokuthi babuye nendebe, ngelixa iimbaleki zisenze sazingca ngokubuya neendebe ezingekho ngaphantsi kwesithathu neembasa ezisibhozo.

Kwirileyi yama-100 emitha, uMasipala waseOverstrand uhambe nje lula ngokufumana indebe nembasa yegolide kodwa waphumelela nembasa yesilivere. Loo nto yodwa nje ithetha ukuba iimbaleki zethu bezinomoya ophezulu kakhulu:

Iimbaleki ezingaphantsi kweminyaka engama-35 ezibaleke umgama we-100 lemitha:

1. UD. Booysen (waseGansbaai): Indebe nembasa yegolide
2. UM. Arendse (waseHermanus): Imbasa yesilivere
3. UJ. Strydom (waseGansbaai): Imbasa yebronzi

Iimbaleki ezingaphezulu kweminyaka engama-35 ezibaleke umgama we-100 lemitha:

1. UD. Rooy (waseOverstrand): Indebe nembasa yegolide
2. US. Titus (wezeMpilo): Imbasa yesilivere
3. UG. Grove (weDSD): Imbasa yebronzi

Nisebenzile mawethu!

DIBANA NABAQASHWA ABATSHA

Chrisholm Noble, Inkozo Zabaphathi, uMcebisi kwezobulungisa

Heleine Potgieter, Inkozo Zabaphathi, uMcebisi kwezobulungisa



Jason Martin, Inkonzo zokuhlala, umsebenzi jikelele

Kayla Jacobs, Inkonzo Zabaphathi, Inkonzo zabasenenzi

Noluthando Kedama, Inkonzo zokhuselo, Igosa lendlela

Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili! Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Indaba 5

NOVEMBA / DISEMBA 2014 / JANUWARI 2015

INQAKU LOMHLELI

SIYANAMKELA NONKE BAFUNDI BEPHAMBILI!

Akukholeleki, ukuba ixesha selimke kangaka kulo nyaka ka-2014, oku kuthetha ukuba le iya kuba yiPhambili yethu yokugqibela kulo nyaka. Njengoko sijonga ngemva kunyaka odlulayo, masizonwabele ezintle nezimbi sizame iindlela ezizizo zokuzisombulula. Ngaphaya koko, ibikhona imingeni ebesijongene nayo endleleni yethu yobom le mingeni ke izizifundo esizifundayo nezisincedayo ukusiqinisa ebudeni bendlela zisincede sitshintshe oko sikwaziyo ukukuttshintsha size samkele oko kungatshintshekiyo. Ukuba siwuqala ngonyawo olululo lo nyaka, iziphumo zakunyanzeleka ukuba zibe zezintle.

Sesikutshilo oko, nangona le kota ka-2014 ibe yeyona enamagingxigingxi. Okokuqala sivelana kakhulu noFezeka Mshenxiswa, ungumsebenzi kwisebe lezezindlu othe washiywa ngumyenu wakhe uMzameni Mshenxiswa ngomhla we-19 Septemba. Njengoko lisondele ixesha leeholide, yena nezinye iintsapho ezishiywe zizihlobo zabo kulo nyaka bakuhlala besezintliziyweni zethu.

Ngaphandle koMnu Mshenxiswa, uCeba weWadi 5 eZwelihle, nabanye ooCeba ababini uPeter Scholtz noBen Solomon nabo babeka umhlala-phantsi ngo-Okthobha. Ezi zithuba zaba bantu bathathu zishiye uxinizelelo olukhulu kwiBhunga, kodwa ngenxa yokubambisana njengeqela, iOverstrand ikubonakalisile ukuba sinako konke ukugcina izinto zisebenza kwaye siqhuba nokuhambisa iinkonzo ngohlobo lwazo kumasipala sikwenza oko sinikezela ngenkonzo engcono kwabo sibasebenzelayo.

Njengoko sithetha ngenkonzo engcono, njengoko uyakuqwalasela kule Phambili ukuba iOverdtrand likhaya leentshatsheli: Ukususela kwimibala yeSpringbok enikwe usompempe wepuli ukuya kwiindebe ezingekho ngaphantsi kwesithathu neembasa ezininzi, abadlali bethu abangamadoda nabafazi basenze sazingca kakhulu apha ekhaya, ephondweni naselizweni. UMnyhadala wemiDlalo waseOverstrand nobubanjelwe kumabala emidlalo aseMt Pleasant ngoMgqibelo umhla wo-1 Novemba ngokwenza njalo ukwazile ukudibanisa bonke abathandi bemidlalo abasuka kwiindawo ezahlikeneyo bezokuvuyela amaqela abo emidlalo – umzekelo ophilayo ngulowo wolutsha lwaseOverstrand oluthe lwathabatha inxaxheba kwimidlalo yakutsha nje ebizwa ngokuba yi-Youth Against Crime Imbizo ebibanjwe eZwelihle.

Le mbizo yenziwe ngokubambisana kweOverstrand, iSebe lezoLimo,ezamaHlathi nezokuLoba kunye neSAPS ngomhla wama-22 Okthobha, Imbizo iqale ngemidlalo eyonwabisayo kakhulu phambi kokuba iye kwiHolo loLuntuapho ulutsha laseZwelihle nakwiindawo eziyingqongileyo, apho abantu bazisiwe ngeenkonzo ezinikwa ngawo onke amasebe abambiseneyo kule mbizo. Ngokwale mbono, nomasipala waseOverstrand uthe ngethuba eliphambi kweli wakhupha abasebenzi bakhe bamacandelo ahlukeneyo ukuba bagcine imisebenzi yabo iqaqambile ngokuba benze uMboniso kaMasipala eGearing's Point. Kubo bonke abathe bathatha inxaxheba ekubeni ezi nkqubo eziya ebantwini zibe nempumelelo, kubo sithi nangamso! Siliqaphele kakhulu igalelo lenu.

Oku kundenza ndikhumbule ukucela wonke ubani ukuba azigcine enguye nangona ezi iziholide ezinoxinizelelo kakhulu: Ukuma emigceni emide yevenkile, ukuba sezindleleni ezixakekileyo, nceda cingela abanye. Khumbula asinguwe kuphela onezinto ekufanele uzenzile kwaye ubuyele ekhaya, zonwabise uchithe iintsuku zakho zeholide nosapho kunye nezihlobo.

Xa sithetha "ngeentsuku zakho" ekufanele uzichithile, ingaba ukhe wacingisisa ukuba uyisebenzisa njani na imali yakho yebhonasi kulo nyaka? Kunokuba uchithe imali oyisebenzele nzima ekuthengeni izinto ezingenamsebenzi, cinga ngotyalo-mali olunobuchule wazi ukuba iseni nganye inexabiso. Mhlawumbi ubekele bucala imali yokufunda okanye yokuhlawula isikolo sabantwana, okanye ixesha sele lifikile lokuba uzithengele indlu yakho kunokuba urente eyomntu?

Kwaye kwabo nanemali ethe xhaxha ngeli xesha lonyaka kufanele bakhumbule ukuba kukho abo basweleyo nabangathathi ntweni. Mininzi imibutho apho singafaka khona isandla ukuxhasa abahlelelekileyo nabangathathi ntweni (iinkcukacha malunga noku ungazifumana kwiphepha 4).

Xa sisohlukana, ndivumeleni ndinqwenelele abafundi bebanga leMatrikhi okuhle kodwa kwiimviwo zabo. Ndiyathemba ukuba abazali benu bakunixhasa kwimizamo yenu baze bavuyisane nani xa niphumelele izifundo zenu.

Egameni lePhambili, sininqwenelela iKresimesi emyoli noNyaka oMtsha ozele amathamsanqa kuni nonke. Sobonana kunyaka ka-2015!

Noluthando Zweni
Umhleli/Editor

INDLELA EHLAZIYIWEYO YOMBONISO INIKA ITHEMBA

Ukungqamana nexesha lefestivali yeminenga uMasipala ube nomboniso wakhe eGearing's Point ukususela ngomhla wesi-3 de kube ngowe-6 Okthobha. Kweli ityeli amasebe kamasipala athatha inxaxheba adlulisile kwinqanaba lokubonisa nje iinkonzo zawo: endaweni yoko abasebenzi abebekwizikhululo yonke imihla bathathe inxaxheba enkulu ekuphenduleni imibuzo yabatyeleli nokunika ingcaciso ngeenkonzo zikamasipala oku bekwenza ngeelwimi zeendwendwe.

Ibingumbo nomxesibe abadala nabancinci beze kule festivali. Mihla le kwamkelwe malunga ne-150 eendwendwe ezifike zingalindelwanga kwaye uninzi lwazo luyincomile imiboniso nembeko ebonise ngabasebenzi xa bephendula imibuzo. Kufunyenwe malunga nekhulu lezimvo ezibhaliweyo.

Injongo yalo mboniso kukusondeza iinkonzo zikamasipala kubantu esibancedayo nokubonisa impumelelo kamasipala njengeziko lobungcali. Kulo nyaka icandelo lobuxhakaxhaka noYilo, i-LED, Iinkonzo zoLuntu, iiNkonzo zoLawulo, eZokhuselo neZemali bezinamaqonga okubonisa. Abameli bamaziko amane olawulo kuquka neziko lezemililo babeyinxalenye yalo mboniso.

Ngokubanzi iingxelo esizifumanayo ziyancoma kwaye umasipala namasebe athathe inxaxheba balungiselela ukusebenzisa amava abawafumeneyo ukunyusa umgangatho womboniso wonyaka ozayo. Ndithabatha eli thuba lokubulela bonke abathathe inxaxheba kumboniso walo nyaka kamasipala. Igalelo lomntu ngamnye lenze umahluko.

Abaphumeleleyo kunyaka wama-2014 bazisiwe. Ngaba balandelayo: kwicandelo ngalinye babini abaphumeleleyo: ibhaso lokuqala liye "Elona qonga linike ingcaccciso eyaneleyo" – Abaphumeleleyo: Ubuxhakaxhaka bokusebenza noYilo; iiNkonzo zoLuntu (amanzi). Ibhaso lendawo yesibini liye kumaqonga "Innovative and Creative" kwaphumelela: IiNkonzo zoKhuselo no-LED. Iindebe zinikezelwe kubalawuli bamasebe aphumeleleyo. Isebe eliphumeleleyo liza kuyigcina indebe iinyanga ezintandathu.

Ndiyavuyisana nabo bonke abaphumeleleyo ngaxalinye ndikhuthaza wonke umntu ukuba aqhubeke nomsebenzi omhle.

UMYALEZO WEKRISIMESI!!

Abaphathi badlulisa umbulelo ongazenzisiyo kubasebenzi ngokubanzi ngokusebenza ngokuzinikela kulonyaka ka 2014. Sininqwenelela nonke iKhrisimesi emyoli nezekengamathamsanqa kunye no mnyaka ka 2015 ochumileyo nonoxolo.

DIBANA NEMANEJALA YEMISEBENZI ENTSHA YASEGANSBAAI: UJEAN DE VILLIERS

Ekuqaleni kuka-Agasti, uJean de Villiers, oyinjineli ebhalisiweyo nesemthethweni eneminyaka emininzi esebenza kulo msebenzi wobunjineli bokwakha, uthe wayinxalenye yabasebenzi bakaMasipala waseOverstrand eGansbaai njengoMlawuli ojongene nomsebenzi wobuNjineli kwezokwakha.

Njengomntu oyidlalileyo indima yakhe kweli candela lobunjineli nokwakha, uJean usebenze kumasipala weBreede Valley ukususela kunyaka ka 2012, esebenza njenenjineli.

"Ukuhlala nokusebenza kuMasipala waseOverstrand liphupha elizalisekileyo" utshilo uJean, onomdla kakhulu noza konwabela amathuba okuhlala nokusebenza eOverstrand ekwenza oko nosapho lwakhe, unkosikazi uSara, nentombi yabo eneenyanga ezilishumi, uRebecca.

KWINGXOWA YASEGANSBAAI KUGALELWA EMINYE IMIBALA YESPRINGBOK - ASIYIYO ENYE INTO, YIPULI!

UTanya Smit, oyena ophambili ongowaseOverstrand nofumene iMibala yeSpringbok, ese-ofisini yakhe eseGansbaai.

UTanya Smit (28), ngomnye wooNobhala abayiNtloko baseGansbaai othe kutsha nje wawongwa ngeMibala yeSpringbok njengoSompempe wePuli. Emvenikokubaeqapheleumdlalowepulikwiminyakaemihlanueyadlulayo,uTanya wagqiba ekubeni aqeqeshelwe ukuba ngusompempe endaweni yokuba agxininise kumdlalo lowo. Ngokuthi azifake zitshone kweli cala lobusompempe kuye kwaneziphumo ezihle kakhulu zokuba abe "nguSompempe weTumente" ngexesha bekudlalwa itumente yepuli yasemaphandleni ebizwa ngokuba yi-Western Province Country Region"ngexeshana nje lonyaka wokuqala. Namhlanje, uyazingca ngokuba neMibala yeSpringbok njengosompempe wepuli weWPCR kwaye oko kwenze uluntu lwaseGansbaai lwazingca ngaye ngokuthi aphume emagqabini kwakhona.

IZINGXOBO ZOTHANDO

Eli phulo loluntu eliphantsi kolawulo lukaSodolophu uNicolette Botha-Guthrie lijolise ekunikeleni ngama-1000 eziNgxobo zoThando kulo nyaka kubantu abangathathintweni bezi ndawo zilandelayo: eZwelihle, eMt Pleasant, eHawston, eStanford naseKleinmond.

Eli phulo lixhaswa kakhulu ziinkonzo, irotary club noosomashishini basekuhlaleni. Esi singxobo sixabisa imali engange-R121 ukuthenga isingxobo esele sigcwalisiwe, ungasithenga e-Eastcliff Spa okanye ukwenze oko ngokusebenzisana no-Elize Verrij okwiofisi kasodolophu.

Kwaye ukwamkelekile ukuba ungagcwalisa esakho isingxobo okanye wenze inkxaso ngengcingane ethi namalini na iya kwenza umahluko yonwabise abo basweleyo kunathi.

UKUSWELEKA KUKACEBA KAWADI 5

uMzameni Mshenxiswa

UCeba ka-Ward 5 uMzameni Mshenxiswa usweleke ngomhla we-19 Septemba nje emva kokuxilongwa kufunyaniswe ukuba unomhlaza wesibindi. UMzameni wazalwa ngowe-1975 ezalelwa eMpuma Koloni eXhorha kwaye ebelilungu le-ANC. UMzameni waqala ukuba nguCeba kaMasipala weOverstrand ngowama-2011 wanguCeba kaWard 5 nelungu le-portfolio kweZemali noPhuhliso lweZoqoqosho.

UMshenxiswa uqale ukuthatha inxaxheba kwiiprojekthi zoluntu lwaseZwelihle ngowama-2006 wasebenza kwi-Treatment Action Campaign (TAC), kumbutho wabadala uSiyazama, kwiZwelihle Health Forum Campaign. Ngowama-2012 wanikwa ithuba lokufunda kwiziko lemfundo eliphezulu. Wabhalisela idiploma ephezulu kwiYunivesithi yeNtshona Koloni. Wabhalisela i-Advance Diploma in Administration awayiphumelela ngowama-2013.

UMshenxiswa ubengomnye wooceba abavakalayo ezintlanganisweni zeBhunga. Uza kukhunjulwa ngabantu abaninzi. Ushiya ngasemva unkosikazi wakhe uSiziwe Mshenxiswa ongumsebenzi kaMasipala weOverstrand, abantwana abane uSihle, uBonga, uGugu noLiyema nomzukulwana uLutho.

UCeba Mshenxiswa ungcwatyelwe eMpuma Koloni ngomhla we-5 Okthobha 2014.

OPHUMELELE EMAGQABINI NONIKA INKUTHAZO KUYE WONKE UBANI

ekhohlo: uNomie Tshefu

"Khuthazeka ulandele imvakalelo yakho," lo ngumyalezo kaNomie Tshefu, unobhala ka Mnz Solomzi Madikane onguMongameli we sebe lophuhliso lwezoqoqosho nawubhekisa kwabanye abasebenzi asebenza nabo.

UNomie nothe waphumelela kutsha nje izifundo zemfundo enomsila yoLawulo lwezoShishino egxile kwizifundo zoLawulo lweMisebenzi yoLuntu efunda eBusiness Administration School kwaye ube ngophumelele emagqabini kwezoPhando. Kodwa oku akuthethi ukuba ufikelele esiphelweni samaphupha akhe okuzikhulisa ngoba lo mfundi uzimiseleyo nonetalente sezibhalisele imfundo enemsila engaphezulu kwesidanga eso asifumeneyo ekuLawulo lwamaShishini.

Kwimpumelelo yakhe uNomi Ubulela uThixo owenze ukuba konke kuphumelele, kakhulu kuMasipala waseOverstrand - ingakumbi kuMlawuli woMasipala noMlawuli weCandelo loPhuhliso loQoqosho loLuntu - ngokuthi afumane ithuba elihle kangaka lokuziphuhlisa, ukuzikhulisa nokuphumelela kwiphupha lakhe. Uthi ngoku ukulungele ukusebenzisa amava akhe awafumeneyo nokuba abe negalelo kweli candela afundele lona.

Ukwabonakalise ukuzithoba ngegalelo elenziwe nguye wonke ubani ekubeni izifundo zakhe zibe yimpumelelo. Okokugqibela, ubulele umyeni wakhe, "ukubangaba ubungekho ecaleni kwam undikhuthaze uyiqonde imeko ebendikuyo konke oku ndingengendikwazanga ukukufezekisa" ndiyabulela. Utshilo unomhi.

Ingcebiso yakhe kwabanye abasebenzi kukuba kufanele bazi ukuba ixesha limka namathuba alo. Uvale ngathi "ukufumana imfundo ngumsebenzi onzima nokhwinisayo kwaye uyifumana ngokusebenza iiyure ezinde kodwa iziphumo zayo ziyancumisa kwabo bakwaziyo ukunyamezela".

UKUVALWA KWEE-OFISI ZIKAMASIPALA

Oku kukwazisa ukuba kwintlanganiso yeBhunga eyayingomhla wama-29 Okthobha 2014, kwathatyathwa isigqibo sokuba: ii-ofisi zikamasipala kuquka neelayibrari ezikummandla weOverstrand, kodwa kungaquki ezinye iinkonzo ezimandla, **ziza kuvala ukususela ngeye-13:00 ngoLwesithathu, 24 Disemba 2014 nangoLwesithathu, 31 Disemba 2014 ngokulandelelana** zivule ngeye- **07:45** ngo**Mvulo, 29 Disemba 2014,** nango**Mvulo, 5 Januwari 2015**.

Abasebenzi abasele befake izicelo zelifu ngezi ntsuku zikhankanyiweyo kuza kufuneka bezirhoxisile ezo ntsuku kuba i-Payday System ayizi kuzirhoxisa ezi ntsuku.

OFFICE CLOSURE DURING DECEMBER HOLIDAYS

Please be informed that at a Council meeting held on 29 October 2014, it was resolved that Overstrand's offices, including libraries but excluding other essential services, **will be closed as from 13:00 on Wednesday 24 December 2014** and **Wednesday 31 December 2014** and respectively re-open at **07:45** on **Monday 29 December 2014** and **Monday 5 January 2015**.

Staff members who have already applied for leave for any of the affected days must please request that such leave be cancelled in writing because the automated Payday System will not pick up the discrepancy automatically.

IMINCILI & USIZI

Casual Day: Siyabulela ngenkxaso emandla enikwe abo bakhubazekileyo

Iqela laseThusong

Sibulela ngokungazenzisiyo kwabo bathe bathatha inxaxheba ekwenzeni usuku lwabakhubazekileyo lwaba lolugqamileyo kakhulu kulo nyaka.

Abanye benze kangangoko ukuba olu suku lube loluqaqambileyo. Ngubani ongamlibala uMnu Madikane ngesinxibo sakhe! Abanye babezimisele kunabanye, nomngcelele owawuqala phambi kwee-ofisi zikamasipala wase-Hermanus kanye nje emva kwentsimbi yesibhozo kusasa ngoLwesihlanu, umhla we-5 Septemba. Oko kwasigcina sixakekile kwada kwafikelela ixesha lemisebenzi yesiqhelo ngentsimbi yethoba.

Njengoko bekuhlala kusenzeka kwixa elidlulileyo, imali ifunyenwe ngokuthengisa izitampu ezingamawaka amane zoSuku lwabaKhubazekileyo nezithengiselwe abantu baseOverstrand nge-R10 sisinye, loo mali iya kuxhasa isikolo iCamphill School [nantso incwadi yombulelo iqhotyoshelwe ecaleni kwale mbalelwano].

Umgqatsi ophambili ngoSuku lokunxiba nje

Kulo unyaka, nangona abasebenzi bezolawulo bongeze okuthe chatha ukongeza inkxaso nokukhathalela abakhubazekileyo: Abanye bazobe esantini owona mnenga wakhe wamkhulu; uLawulo lwaseGansbaai nolwaseStanford lumeme bonke abasebenzi ukuba babonise ezabo izakhono zokwenza lo mnenga ubonakale inguwo "ngokuwuhlohla" iintlobo zokutya, iimpahla nezinye izinto eziya kuba luncedo. Zonke izipho (eziyimali okanye izinto ezinokusetyenziswa) ezithe zaqokelelwa ngolu hlobo zisiwe e-Elim Home, iziko elibonelela abo bantwana bakhubazeke engqondweni nasemizimbeni kunye nabo bakhulileyo nabo abasuka kuluntu oluhlelelekileyo. Awucingi ukuba ngumbono omhle lo? Ngoko ke, nanku umngeni: Ingaba yeyiphi na i-ofisi yolawulo eya kuthatha intshinga kunyaka ozayo phakathi kweGansbaai/Stanford ngoSuku lwabaKhubazekileyo? Nceda ungawasusi amehlo akho kulo mba...

U-Janine van der Riet (Intatheli yeHermanus Times)

U-Ailene Theart kunye noCharlene Pieters

Iqela ilibizwa iBling

Ulawulo lwaseGansbaai

Iqela laseStanford

15 Okthobha 2014

Nkosazana Zweni nomasipala obekekileyo

USUKU LOKUZALWA OLUHLE LWABAKHUBAZEKILEYO UMGOMO WONYAKA KA-2014: UKWENZA KONKE KUQAQAMBE G

Njengabaxhamli bemali engeniswa yile projekthi yoSuku lwabaKhubazekileyo, singathanda ukunibulela ngenkxaso yenu yoSuku lwabaKhubazekileyo luka-2014. Ngokuxhasa kwenu nokuthabatha inxaxheba kule projekthi ibizele luyolo lodwa nenze kwayimpumelelo ukunceda amawaka abantu abakhubazekileyo kuMzantsi Afrika wonke. Ukufumana izinto ezisincedisa ekuphumezeni iinjongo zethu, sibe namathuba angcono okuqesha, sisondeze kufuphi iinkonzo zethu, ezemfundo, izindlu ekugqibeleni singenelele ngako konke eluntwini lwethu.

Ngobambiswano lwaye wonke ubani kuquka inkampani yenu, uSuku lwabaKhubazekileyo lwakuphinda lwenze umahluko kwabo baphila nokukhubazeka, apha ngaphakathi bekwenza oko ngokuxhamla kumbutho wethu nakwabanye abaxhamli kwilizwe lonke.

Silinde ngomoya omhle ukuva kubaphicothi-zimali imali eyenziweyo kulo nyaka ka-2014, neyakwaziswa kumbiyozo "iShow and Tell" ekuqaleni konyaka ozayo.

Sakunazisa!

UMBULELO OMKHULU kuwe nakubo bonke abasebenzi benkampani yakho ngokuququzelela nokuba yinxalenye yalo msitho uxabiseke kangaka.

Ndakunithumelela ikhalenda yedesika ukuze nikwazi ukucwangcisa iinkqubo zosuku lwabakhubazekileyo zonyaka ka-2014.

Ndovuyiswa kukusebenza nani kwakhona kwilixa elizayo.

Owenu kwinkonzo yokhubazeko

Genevieve Linney

UBUSAZI / UVILE

Khangela ukuba ngubani ozimanyayo ngeqhina lomtshato!

uFrancois de Villiers uMadeleine Stoman

Ngomhla we-8 Okthobha 2014, uFrancois de Villiers (weSebe lezoMbane) ubuze umbuzo omkhulu, kwaye uMadeleine Stoman (weSebe leNtlawulo) wathi "ewe"!

Sivuyisana nabo ke aba babini abazibopheleleyo kuba beza kuzimanya "nabachulumancileyo" ngokuba beza kucwangcisa usuku lwabo olukhulu. "Asizange sakhe sonwaba kangaka" batshilo aba babini, kwaye ngumnqweno wethu ukuba uhambo oluchulumancisayo abaluthathayo lwakuba lolude nolunwabisayo.

OKUHLE OKULINDELEKILEYO:

* URowena Karelse onguMgcini-zimali waseKleinmond wabeleka naye ngomhla we-13 Okthobha. Siyavuyisana nani nobabini!
* UZillean Davids ukhulelwe amawele! Sivuyisana naye!Kwaye sikholelwa ekubeni oomakhulu nootatomkhulu sele beboniwe besihla benyuka ezivenkileni ukuya kuthengela abazukulwana.

Sivekana nababa sebenzi balandelayo:

* UTheo Loubser ushiywe nguyise ngomhla wama-27 Okthobha 2014.
* UKwawyzeni Jali ushiywe ngunyana wakhe ngomhla wama-25 Agasti 2014.

Ngovelwano olunzulu:

* UDaleen noPottie Pogieter bangumakhulu notatomkhulu abazingcayo ngentombi yabo entle nencinci.
* Umzukulwana ka-Elsabe Stadler ulindeleke ekupheleni kukaNovemba.
* Umzukulwana ka- Antoinette Geldenhuys ulindeleke ngoFebruwari.

SIVUYISANA NANI!

- UVinessa van Heerden noGraig Niemand, bobabini ngabasebenzi baseOverstrand, babe ngamaqabane iminyaka eli-12. UGreg ucele umtshato ngoLwesihlanu, umhla wama-29 Agasti. Sibanqwenelela okuhle kodwa kwindlela yabo entsha abaza kuyihamba.
- UJan Nel ugqibe iminyaka engama-65 ngomhla we-14 Okthobha kwaye ngomhla wama-31 Okthobha ibilusuku lwakhe lokugqibela ekhonzile kule nkonzo.
- URonell Salies ufumene umntwana oyinkwenkwe ngomhla we-10 Septemba.